



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 11**

**NOVEMBA 2013**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – P3**

**AMANQAKU: 100**  
**IXESHA: 2½ iiyure**

---

Olu viwo lunamaphepha ama – 6.

---

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

ICANDELO A:	Izincoko	(50)
ICANDELO B:	Imihlathi (25 x 2)	(50)

2. Phendula umbuzo omNYE kwicandelo A.

3. Phendula imibuzo emiBINI kwicandelo B.

4. Bhala ngolwimi obuzwe ngalo.

5. Kunyanzelekile ukuba uwucwangcise umsebenzi wakho (umzekelo: imephu yeengcinga/umzobo/imizobo ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njalo-njalo), wandule ukuwufundisisa uwuhlele. Kunyanzelekile ukuba uyilo LUKHOKHELE isincoko.

6. Kunyanzelekile ukuba zonke izicwangciso zakho uzibhale ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca kuyilo ngalunye.

7. Uyacetyiswa ukuba icandelo ngalinye ulabele ixesha ngolu hlobo:

ICANDELO A:	imizuzu engama-80
ICANDELO B:	imizuzu engama-70

8. Nombola iimpendulo ngendlela izihloko ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esifanelekileyo.

QAPHELA: Awabalwa amagama akwisihloko xa kubalwa amagama asetyenziswe kwisincoko/kumhlathi.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ICANDELO A: IZINCOKO****UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Bhala amagama angama-340 ukuya kuma-390 kwisincoko ngasinye.

1.1 Izicwangciso onazo ngobomi bakho kwiminyaka elishumi ezayo.

Bhala isincoko uthethe ngezi zicwangciso nendlela oza kuziphumeza ngayo. [50]

**OKANYE**

1.2 UMzantsi Afrika ubusingethe umnyhadala webhola ekhatywayo yezizwe zase-Afrika. Lo mnyhadala ube negalelo kwezoqoqosho nasekumanyeni izizwe zase-Afrika.

Bhala isincoko ungqine okanye uphikise olu luvo. [50]

**OKANYE**

1.3 Ndinebhongo negugu ngenkqubo yesikolo sam.

Bhala isincoko uchankathe kwizinto ezikwenze ukuba ube nelunda ngesi sikolo sakho. [50]

**OKANYE**

1.4 Ukuzisizela ngenxa yemeko yekhaya lakho kungangumqobo kwimpumelelo yakho.

Bhala isincoko ngalo mba. [50]

**OKANYE**

1.5 Indlela ozijonga ngayo izinto ebomini ingumkhombandlela womgama oza kuwuhamba ebomini.

Bhala isincoko uveze olwakho uluvo ngoku. [50]

**OKANYE**

1.6 Bhala isincoko esiphuhlisa le ntetho ithi, “Inyathi ibuzwa kwabaphambili”. [50]

**OKANYE**

1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[50]

OKANYE

1.7.2



[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

**ICANDELO B: IMIHLATHI****UMBUZO 2**

Khetha imihlathi ibe miBINI kule ilandelayo ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100 ukuya kwi-120 (umxholo kuphela) ngomhlathi ngamnye.

**2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho ongaphumelelanga ibanga leshumi elinanye ileta, umkhuthaze ukuba aliphinde kwa kwesi sikolo ebefunda kuso. Mxhobise nangezinto amakazenze eziza kumncedisa ukuze aphumelele kulo nyaka.

**[25]****OKANYE****2.2 INTETHO**

Ungumfundi onesakhono sokuthetha uviwe ngabafundi xa uthetha. Ucelwe ukuba wenze intetho kubafundi malunga nendlela eyiyo yokunxiba esikolweni neziqhamo ezibi abanokuzifumana ngenxa yokungayixabisi impahla yesikolo.

Bhala ke loo ntetho.

**[25]****OKANYE****2.3 INQAKU LEPHEPHANDABA**

Wena nabahlobo bakho benihambe ngaphandle kwemvume yabazali naya kulalisa komnye umhlobo wenu kuba benifuna ukuya ethekweni nibuye ekuseni. Nisinde ngokulambisa kwizikrelemnqa ebezinilandela zifuna ukunonzakalisa.

Bhala inqaku oza kulithumela kumhleli wephephandaba ulumkisa ulutsha ngobungozi bokungamameli abazali nangokuhamba ezinzulwini zobusuku.

**[25]****OKANYE****2.4 IMEMORANDUM**

Ningabafundi bebanga leshumi elinanye nidikwe yeyokosa kukusetyenziswa gwenxa kwamalungelo ezikolweni kube kusonakala inkqubo yezikolo.

Bhalela uMphathiswa wezeMfundo iMemorandum echaza inxaxheba eninokuyidlala ekuqulunqweni komgaqo siseko wendlela yokuziphatha kwabafundi.

**[25]****OKANYE**

**2.5 I-OBHUTSHWARI**

Bhala i-obhutshwari yomhlobo wakho okhule naye nosweleke ngesiqophe. [25]

**OKANYE**

**2.6 IRIVYU**

Yenza irivyu ngenye yeencwadi obuzifunde kwibanga le-11. [25]

**OKANYE**

**2.7 I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO**

Ungunobhala wekomiti yophuhliso lolwimi lwesiXhosa kwisiThili sakho. Bhala imizuzu ne-ajenda yentlanganiso apho benixoxa ngeenkqubo eninokuzilandela ukwenza abafundi babe nomdla, bazidle ngolwimi lwabo. Bhala izigqibo zibe NE eniye nafikelela kuzo ngalo mba. [25]

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**  
**AMANQAKU EWONKE: 100**